

# IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE

(NATIVEOPINION)

LIHLAULELWA

3g. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, SEPTEMBER 30, 1885 [No. 48.

## Amaqanda Esikwenene!

Impahla Yamadoda Namakwenkwana Emaxa-  
biso Ahlisiweyo Kanye!

## C. FENNEL & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebaty zekodi ezilingana amadoda, amadodana  
namakwenkwe.

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, Nempahla Yamadoda enjenge Hempe  
njalo, njalo.

*Ofuna ingubo ezisisulu makangaqale atenge napina engayanga kubona o*

C. FENNEL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

## AKUTENGISWA NGASIKWELITI.

Ololiwe Bakwa Rulumeni—Belase Maxhoseni.

Ukuguqulwa Kokuhamba kwe Treni.

KUSUSELA kolwezi-Ne 1 October, 1885, de kubuyekwaziswe, Itreni zakuhamba ngama. xecha angawambi.

Incazo yawo yofunyanwa kumapepa ancanyatiselweyo okwaloliwe.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

Kwi Ofisi Ezinkulu, E Monti, September 21, 1885.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi

kwe ofisi ngase mean cat weni.

## AMALAHLE ASE NDWE.

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani  
(Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.

Akusakubako kubambezileka ekulayisheni 'amalahle nasekuwatulenille^Komani.

Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.

Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Amayeza ka Cook Abantsunda.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- liae lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokusazazo.

1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta).

1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwa. 9d.

ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lepalo.

1/6 ibotile.

Ezika

COOK

Ipils.

1/ ngenokisana.

Eka

COOK tincindi Yezinyo.

6d. ngebotile.,

Oka

COOK Umciza Westepu Sabant- wana.

6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo.

6d ngeaiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

W. O. CARTER & CO,

Ncedani ngokupaula kaku-  
hle ukuba uhlobo olutsha

OLULUNGIILEYO APA

LWE SEPA.

lubuye Iwafika

Isitena yi 6d.

Yeyona Sepa intle kulomzi.

Itshipu, isitena Esikulu  
sidla 6d. kupela.

Inokuftmyanwa kwa

"KARTAR" apa.

W. O. GARTER  
& Co.

Maclean Square,

E-QONCE.

J. HILNER, " Umenzi  
wentsimbi zamaxesha.

E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemiacane njalo njalo.

Umentlobontlobo zemisesane, iwotshi,  
Nentsimbi ezinkulu zamaxeaba, nentwane ezintle  
Zokinika amabao ngamaxeaba ae.

R. W. ROSE-INNES,

## Wanted Immediately.

A CERTIFICATED TEACHER as Se cond Master in the Boys’ School, S. Matthew’s. Apply by letter or in person to the Rev. A. W. BRERETON, Acting Principal.

KWA G. WHITAKER, kwi-venkile etengela nentwana ezincinaue kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.

### Imfundo Yentombi.

KUYAZISWA ukuba ISIKOLO SEN-TOMBI saee Mgwali, lo ongaponoshono kwe Nciba sivulwe linenekazi elisongame- leyo u Miss MCRITCHIE. Abafuma ukuya xigenqubo yaso bangabalela kuye Etwgwali, Dohne. 31st July, 1885.

## ISICELO.

NDICELA kuni nonke bantu bakuti aba- lapo e Diamond nindipe amehlo ngo- mntu ogama lingu JAMES MNGQIBISA, Iowa waka wakankanywa kulo elipepa ngokuba upangwe £50. Ndingavuya owazi nto ugalomntu andazise kwelipepa lamadoda ohlanga.

THOMAS ZWEDALA. Emacubeni, Lady Frere, 14, August, 1885.

## ANDREW GONTSHI,

Umteteleli ematyaleni,
Aloeville, Kei River,
*TRANSKEI*

## ABAZELWEYO.

MACEMBE.—E Bayi, ngo 16 August, 1885, inkosikazi ka Mr. ROBERT MACEMBE, ibeleke UNYANA.

## ABATSHATILEYO.

CINDI—MLAMBO.—E Gong Gong, kwe- le Dayimani, ngo 8 September 1885, kutshatiswe u JACOB CINDI, wase Sloet- fontein no ELIZABETH MLAMBO.

## ABABUBILEYO.

FUNANI.—E Clarkebury, (Emgwali) ngo 2 Sept. 1885 kubube u MARTHA MIRIAM FUNANI, intombi yamazibulo yo Richard no Martha Funani, ebudala buminyaka 4 neny- nga 11. Utshe ngumllilo.

# Iveki.

ITE kuba ingagqibanga ukuteta e Komani ngexesha layo elifanelekileyo ijaji ngenxa yobfininzi bamatjala apo yaqala ukuteta e Monti ngo Mvulo. Imiselwe ukuqala apa natnha, ngo Mvulo ozayo e Bofolo, ngolwesi- Tatu Iweveki ezayo e Nyara.

Uviwo lo Titshala luqale ekayapa izolo longanyelwe ngu Rev. J. Gordon; Abantsu- ndu abangenye kulomzi batatu; Yintombi enye. Inani lonke elikoyo liyi 14;

Yakupela leyanga iposi esuka apa e Qonce eya pesheya kwe Nciba iyakusuka ngo Mvulo kusasa endaweni yolwesi-Bini.

KUVAKALA ukuba Umhlekazi i Ruluneli , Sir Hercules Robinson nza kubehle ahamb-, le e Lusutu nakwela Bahlabmbeli.

YIMOQDI Amabulu asnka kweli lase Ko- loni nase Free State aya kwela Bahlatnbeli.

NGOLWELI-Hlanu e Kapa kubhubhe uHon; J. Morrison, M.L.C., obemele i Kapa kwi- nkundla pepzulu e Palamente.

U MR. MULLER wase Lututu owatshisa iwenkile yake efuna ulrnfumana imali yonce- do ugwetyelwe iminyaka emihlanu entole. ngweni, ityala litabate imini yonke.

INDAWO ka Mr. Impey e Monti yamnke- Iwe ngu Rev. T. Chamberlain, M.A., obese Dikeni.

EKUSENI nge Cawa kutshe ivenkile ezintatu ezimeleneyo e Kapa zo Messrs Moerster, Schuster, no Hartman.

U GENERAL WARREN ukwele enqanaweni ngolwesi-Ne Iweveki egqitileyo ukusinga e England.

IVUKE okunye ingqaqaqa e Dayimani\*

U SIR H. BULWEC. obeyi Ruluneli yase Natal umnka kwelo ngeveki ezayo ukusinga e Kiperusi (Cyprus).

SIVA ukuba isatyikitya ingqaqaqa Emja- nyane Ebatenjini.

ISIDUMBU Sengesi sifunyenwe ngo Mgqi- belo komnye umngxuraa ekumbiwa kuwo idayimani e Kimberley. Kwakwelo e Du Toits Pan kufunyenwe isidumbu sika William Phillips igwangqa elazeka kunene apo e Dayimani. Kuzindlелwa ukuba ubha- diwe.

EMONTI Ingesikazi eliyinkosikazi ka Bester ngase iQumra ligwetyelwe inyanga zontatu entolongweni ngokurola imali zabantu eba- nkneni nokutenga impahla ngegama lokuba ngmnka Van Rensberg wase Qumra, kanti akunjalo. Yintokazi ebantwana balishumi nendoda isapilile isenza ezizintonje.

U REV. WILLIAM IMPEY ushumayele oko- kugqibela kwimpi emhlope abeyipete e Mo. nti nge Cawa. Siva ukuba uzakuhlala e Rini.

U MR. MERRIMAN obesakuba yimantyi yase Sidutyini uyimantyi e Mtata endaweni ka Mr. A. H. Stanford oyimantyi ngoku Engcobo. Umantyi obebambile Engcobo u Mr. C. J. Sweeney yimantyi e Sidutyini.

NGOLWESI-Hlanu Iweveki egqitileyo kwa- kuko intlanganiso eyolileyo yomvumo kwi- sikolo sase Wesile yentsapo ka Miss Pamla. Yenze into emandi ukuvuma oku. Siyaku- ncoma ukupumelela ko Miss Pamla ngelinga lokuqala, nentsapo azana nayo pakati kwe. situba senyanga ezintatu. Into kodwa eya- yiyakubanga ukuba intlangano leyo ipume- lele kanye—akwaba izifundo zentsapo zazi- ngezininzi, zati zona ezesibhalo zashiywa kanye.

ITIMITI yama Wesile iyakubako ngomso ngokuhlwa.

INKWENKWANA ye Lau igwetyelwe imivi- mbo e 20 nenyanga ezintatu, ngu Judge Dwyer e Vusta (Wocoster) ngokubeka ama- tye endleleni ka loliwe.

SINENTO eninzi yencwadi zabahaleli esi- ngekabi nakuyingenisa ngobuncinane bepe- pa.

BANGAPEZU kwamashumi amatandatu ngo- ku ababanjwa kwintolongo yase Dikeni.

IXABISO lengxowa yombona e Natal liha- mba kwi 12s. ne 12s. 6d.

SINGAVUYA abafuna ukungena ekutabateni *Imvo Zabantsundu* bengene kwangoku nje, ngokuba kuzakuqala i Quater.

UMFAZI wom-Indiya udliwe £20 e Natal ngokusuke ape umntu omnyama utywala.

ULOLIVE wase Natal uhlalele ukuvulwa e Estcourt.

LIXESHA ukuba itunyelwe imali yepepa.

KUNGABANGAKO nto iyakubambezela n Rulumeni wazisa ukuba uloliwe uyakuvulwa e Dayimani ekupeleni ko November.

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, SEPT. 30,1885.

## INKOSI ZETU.

IMPATO ebukali negadalala eku- bonakala ukuba zipete ngayo u Mr. DE WET inkosi nezibonda ezintsundu ibonisa ukuba inqubo ondele kuyo kukuba inkosi zingabi- ko kanye pakati kwetu bamnyama Ayipikwa bani yona into yokuba bebaninzi ababonayo ukuba le yi- nkalo eziyakude zize kutshonela kuyo inkosi zetu bamnyama, kuba kungenakwenzeka ukuba lento umntu ibuse kwinkosi ezimbini. Apo kodwa bablukana kona abantu kwinkindawo yokuba lenkalo iyaku- fikelelwa ngayipina indlela. Eka Mr. DE WET iyabonakala ukuba yenqumla— eyokuba mayiti inkosi entsundu nokuba sisibonda sakuti gqwididi entweni nokuba incinane kangakananina sibesesiqetulwa sipo- swa pantsi. Lendlela siyitiye impe- la. Yeyona kanye iyakuzomeleza inkosi: abantu bayakuti bakubona ukuba u Rulumeni uyidlela indlala nje kodwa inkosi bagalele ngakuyo, bavele yona. bamkangele njengesig- gebenga u Rulumeni, babengabase- mzini okunye pantsi kwake. Kudla ngokuti xa bezakuxokiswa abantsu- ndu apa kwa Rulumeni uve kusiti- wa bangabantwana. Asingxamele kuyipikisa lenteto, kodwa singasuka siti ku Mr. DE WET bangabantwana abayigqala kunene into ehambise- kayo nabayibonayo into engahambi- sekiyo ngemfanelo.

Simcebisa ngokusulungekileyo ukuba maka- ngacingi ngokuti yena unokufuma- ne azicitacite inkosi ezintsundu nje- ngoko simbona ukuba ungxamile. Akabonisa e Lusutu. apo amandla enkosi pezu kwabantu besekutiwa adambile bakuzinikela kwa Rulumeni, kwatiwa ukuhlutwa kwemipu kuyakubanga ukuba inkosi zipele- Iwe kanye.; Siyazi sonke namhla ukuba kute emva kwalonto zomelela okunye inkosi. Umpatiswa Wabantsundu one- ntelekelelo yena akasakuziduba, yindoda eyakuxolela ukunyame- zela, izipate ngobubele ezinkosi zi- koyo ezizezokugqibela njengokuba esenjiwanjalo umntu omdala; aka- sakuzimonela kwindawo zamagunya ezisawahambisayo; uyakuti noku- malungana naye azame ukuquba ngemfanelo, nangobubele ngakwa- bantsundu bonke, abonise ngeha- mbiso yake ukuba u Rulumeni yindoda angakona kuyo owasemzini kufaneleke, eloshologu loyikwa ku-

## IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

nene ke emlungwini liyakude linga- bisaziwa bani amanyane ontsundu nomhlope kungekonto yobuya iba- pitizelise.

## OKUNGEMFANELO.

UK WAL AT A ukungabonelelwa komntu ontsundu kwa Rulumeni singalata kumcimbi werafu. Ibambiso yakona kukuba ixesha lenyanga ezintatu ekulindelwe pakati kwalo ukuba irafu yezindlu irolwe, livakaliswe banzi ngenetto ya Mangesi neya Mabulu ukuze abaqonda ezonteto bangaposani ne- xesha. Abantsundu abanikwa tuba Imjalo. Obekungalindelwayo ke kuhlile. Site Ngomgqibelo xa sibe sikangele incwadi yakwa Rulumeni safumana ukuba nakuba Amangesi na. Mabulu akolisileyo ukuyirola imli yerafu kodwa amawetu amba- Iwa awenjenjalo. Inyanga ezintatu zofefe zipete izolo (29 Sept.) ababantsundu sebeya kuhlaula imi- vo engapaya kwento abebemele ukuyihlaula. Konke oku kungo- kuba abantsundu’ benganikwanga saziso sifanelekileyo ngexesha. Asi- yiboni into angazitetelela ngayo u Rulumeni malungana nalendawo kuba liko ipepa labantsundu kweli- lizwe ekungeko mzi wabamnyama elingaufikeleliyo e Koloni, pesheya kwe e Lusutu, singasateti

nge Natal, nelileswayo, zixoxwe indaba zalo de ziyokupatelela naku- maqaba. Noko akukabiko nto aye- nzayo u Rulumeni ukuvakalisa iza ziso ngelipepa. Lento kuti ingu- mmangaliso. Isiqamo sayo kukuba ngoku abantsundu sebeyakuvuswa ngababuti, nazidimandi, bangene kwezinkulu indleko abangenakuzi- mela kuba behlwempuzeke kakade. Ziko nezinye izinto malungana no- laulo lwabantsundu ab.anga banga- ziva abantsundu nezayame bona ezin j engokutengi s wa k wemihlaba, impahla ebiweyo, nelahlekileyo. ne- yakutengiswa, kwanemiteto emitsha ecukumisa nabantsundu njalo- njalo,—eseleke yavakaliswa kuma- pepa anteto ingeiviwayo ngabamnya- ma. U Rulumeni makayikangele lento— kuba kuyo kupumle ukuto- malala nokungatomalali kwento eninzi yabantu.

# Amanqaku.

YINTO eyenze mnandi kunene intliziyo yetu nkufumana ukuba amapepa endaba elilizwe ayamnkele kakuhle inteto yetu ngokumiswa kwebandla elilodwa lamapoli. ea antsnndu lokuzama nkuncipisa nbnsela. Elase Kapa i *Cape Argus* lalata lentu: “ umkoto woluhlobo ungetsilali mali ininzi ngangokuba ungenjenjalo owa Mangesi, anga- ti ngoku u Rulumeni abe namadoda amaninzi ngamapoliaa kwindawo angenako ngoku nkuwamisela ngenx’ enokweytika indleko.” Elopepa la Mabula libhala ngengondo i *Het Volksblad* lase Kapa liti lona elicobo “ lelelelekelelo,” ekubeni i *Penny Mail* yase Rini isiti “ lelengondo ” ize ihambise iti “ sixhore uyanyiso.” Elinye lase Rini i *Eastern Star*, elase Monti i *Advertiser*, elase Bayi i *Telegraph* ayitabatile inteto leyo nga- ko ke abonisa ukuba ayakolwa yiyo. Ya- mnkelweke ngamapepa ayimilomlo esixenxe endawo ngendawo, singawabali esingawabo- nanga angati nawo ayamnkele : esoke sibone ukuba lamadoda mane kutiwa ngu Rulumeni ayakutinina wona.

ABATILE kubahlobo abantsundu baka Rev. Robert Lamplough wase Mkangiso baqibke kwelokuba bamnike igama lokumenzela imbeko ngoko akufezileyo pakati kwetu mpi intsundu yeli. Yinto edla ngokubako kuti bantsundu ukuti umntu xa abakolisileyo abantu apiwe igama elinesitozela. Umfi u Bishop Colenso waziwa ngabantsundu ngegama lokuba ungn Sobantu, ngokuzika- nyela kwake ngabo. Ngokunjalo kuko ama- gama o Somtseu (Sir T. Shepstone), Sonjica (Rev. S. Shepstone), Gwebecimile (u Mr. Fleisher imantyi yase Monti), Jongilanga (Rev. E.J. Warner), Citumsi (Rev. E. J. Barrett), Xolilizwe (Mr. C. L. Stretch) na- manye. U Mr. Lamplough ke unywa eloku. ba ngu VULINDLELA. Mbangi yokuba apiwe eligama yofunyanwa kwelinye ibala kwa. kwelanamhla. Ngamana wapila ixesha eli. de elizweni ngeligama. .

ABO batanda ukutelekisa ukuhluma kwe. mfundo abanukceda ukuba bangahlali beselusizini kuba u Dr. Dale wanqumamisa ukushicilelwa kwencwadi apa eyole kunene yengxelo zabahloli zikolo. Loncwadi ibisa- kubonisa ititshala ezikwindawo ngendawo okwenziwa ngowazo kwezinye idale umoya wekwele elifanelekileyo, ibinceda kanjako umzi ongapandle ukuba ube nokuyikangela ihambiso yezikolo, kuba uzibatalela ngerafu zawo. Siteke ngoko sanemihlali yokumana sivakalisa iziqamo zezamanishoni zomhloli kwizikolo ezikulu zetu. Seke sacwangeisa ezipatalele kwizikolo zase Lovedale nase Healdtown eziviwa ngu Mr. Howe.Ely: Namhla saneka ezingovivo obelno ngeveki engapaya, lomhloli u Mr. Howe-Ely. kolo sase Ncemerera se ntombi nododana lwalomnyaka. Sivuya ukubona inani elininzi labapumelele kumabanga ape- zulu. Iime ngoluhlobo i Shaftesbury Home Peelton :— Standard V. 5 : IV. 12, (6 ngoku-

ncomekayo) ; HI; 28; II: 29. Esamakwe. nkwe esonganyelwe ngu Rev: W: Rubusana senza kakuhle kanye. Sime ngoluhlobo:— V. 1; IV: 7, (4 ngokuncomekayo) ; III. 17 : II. 28; I: 8. Ekupeleni konyaka soka sizi- dwelise ngokukupana kwazo ukuze nowase Palamente abone.

INTLANGANISO yeqela labanyuli besitili sase Bofolo bangase Ganjeni yokumisa e- yona ndoda bayakuwa bevuka nayo ngolu- nyulo luzaknnako kona, igalele ku Mr. Hutton. Sinosizi Amalawu ayawayakwa- hlukana nomhlambi ontsundu ose Bofolo e Nxukwebe, Egggesi nonga Malawu elo. Wona siva ukuba umi ngenyawo ukuba kunyulwe u Mr. F. J. Dormer, inene eliwuse- benzele kunene umzi ontsundu nglxika li. blela i *Cape Argus*, neyona ndoda atshoyo wonke ukuba ifanele inyulwe njengokuba angavumiyonje u Mr. Richard Solomon. Siwunika inyaniso zetu umzi ukuba uyaku. fumana iroti lenene kumfo ka Dormer. Bekufuneka umzi wetize konke ngo Mr. Dormer.

# Colesberg.

[NGUMBHALEM WETU.] September 1885. Incfulu ye Jaji u Sir Jacob Dirk Barry (Kt.) ubeteta amatyala apa ngo-Mvulo 7 Sept, waqala ngexesha lesitoba. Ibe ngu Advocate Frames namhla apa omele Inkosazana.

Amatyala abaliilekileyo kwabantsundu ibengala:—u Jantje no Jacob no David, beba inkomo zika Van Zyl i Bulu ngase Ilantam ezi 161, bavumile ukuba ewe sa- ziba, kodwa sasituny we ngumlungu ongu Rafferty ohlala ngase Jansenville —owa- yete kubo mabaye kumbela 200 in’omo. indoda nganye inike iminyaka esixe- nxe nekatsi ezimashumi mabini auesihla- nu.

Elinye ityala libe lele Lau u Plaatye elabulala umfazi, naye lo ulivumile ityala lokuba okunene nguye isizekabani soku- buba komnkake, kodwa wayenza lento enxilile. Wanikwa 12 iminyaka.

Kute ngolwesi-Ne kusasa zadala inzwi- nini ikati emihlaneni yo Jantje no Jacob no David, wati kanti u Jantje lo aziqali kumpala ikati, kwafunyanwa inzipo ezi- ndala emhlana, ukuxela ukuba lelidalal itutu.

Lomfazi eli Lau limbuleleyo lihambe limbeta ngesand, nangenduku, nompu entloko, emva Aokusela onodyuwe ababini xeshanye. Lomfazi yayingenguwe umfazi otshatiweyo yayilishweshwekazi.

Amatyala atetwa kakuhle kunene ngo- Awakolisa wonke umntu, siyazincoma i jury ngelixesha, namhla zaketa inyaniso vodwa; kwangaoko kungazingisa kuba u Judge Shipard waka wazingxolisa apa i jury ngokungaketi nyaniso.

Enye indawana esingati siyikankanye yeyobubi bendlu yamatyala—umzi lo usemva kakulu ngoefosi imbi yona, incinane kakulu ngomhla we Judge. Into esisimanga kukuba singazanga sive beka- nkanya nento e Palamente abamele loma- ndla waledolopu, lo Mabulu asuke into enkulu ibe kukukatswa kwamasela antsu- ndu ateta yona wona.

Imvula ezintle zinileapa, zaqala ukufika kwe Jaji, intsuku ezimbini nezintatu isina, nakwezinye itidawo ziyanconywa kakulu.

# Transkei.

[NGU NOBENZABEDELA.] September 1885. Akuko nto imbi njengokuti kwakubo- nwa umntu oqala unyawo olufanelekile- yo kuni bantu bamnyama seniqHla ni- mdobelela ; azi ukuba oku kuteka kukulu kangaka *Esigidmini* etetelwa kangaka Umhleli we *Mvo Zabantsundu* kwelhe nina. Lempatano imbi info wase *Sigidmini*: enye into mfo wase *Sigidmini* uposile nokumbonga lomvumtu aka Hlubiyena, ulitakutaku le Khuze, lawase Lutukela, wena umbonga ngo Bungane no Ngobizembe, lonto ixela ukuba uya- mpoxa. Imvula inile kakulu kwelilase Mamfe- ngwini lonke, yaqala nge Cawa ye 6 kwati ngolwdsi- Hlanu iyawo kwazala imifa- mbo yonke kakulu. Into embi kuba yi- nqaba ukulima inkabi zifile kubitya na- ngu mbedeni nesitwayi.

Sifumana ukuteta Awelase Dikeni ngo- bunxila buka A. K. Malo. Sisimanga, ukuba buti ubunxila base Ngxakaxa e Du- tywa bubefcwe pezu Aomnta/e Ka Malo, ukuba nokuba uyanxila ebengenze awa- gqita ngabunxila amadoda eze Dutywa, kune namagqweta awo, nento, ungafa- fanelana uke wangumhambi e Ngxakaxa into yakona kukunxila. Ofunayo maka- hambele uyobiona lonto, noko sebezihla- mba ngo Malo lowo akasoze abagqita ngabunxila nokuba unjalo.

Nge 25 August kwifike amadodana ali- qela alapa e Gcnwa, awelikeja lalisuke apa liye emsebenzini kwa lolive e Gqili malunga ne Hope Town. Indaba anazo ati imali yona ngokuxelwa yi 3s. 3d. nge- mni kanti noko mhla uyamnkelayo iba ncinane kakulu, abelungu abangabapati uti esebenzanje umntu kanti banento abayaziyo bona ukuba bayakumdlala umntu, okanye bamnkeliwe ukutya ngesilinganiselo semihla emibini, lendlela yofcutya iyayiqqiba imali. Bati beku- lunga oKuya beAuvunywa ukuba batate ingxowa ze umntu ayibatale eKupeleni Kwenyanga. NOKO ngati ngebenyameze- le, Kuba indlala izaKuwugalela ninzi apa apa einaKaya, nina nisasaleleyo qinisani umsebenzi ngoKu Kufa uKomo Kunje, ^ibe zizodwa ezibiwango. Ispani se- nqwelo somfo Ka Ndandani KU Mgagasi sibiwe, sigqityelwe ziyaKutshona ngapa- ya Kwe BiKa, Kwelocala Kanya laKwano Gqoloza, Kufunyenwe amahashe amatatu uesela laKona livela Kuweba pepulu e Rode (e Batejinini), nehase liKa Cwama Somerset, KufiKwe selitengisa e Kei Bridge (eborweni) KuMlungu. Intc eninzi yezinto ezenzeKa paKati Kwesizwt zixela uKuba amadodana mawalingi indlela zoKuhlala KaKuhle emsebenzini yimfa emva apa. Liti isela lalinyuKa namanye uKuya Kutoba la.

[SEPTEMBER 30, 1885.

## Impawana.

-----

Kufuneka esivela anawetu. Yanele impi eti xa isibhalelaye ingabeki *stamps* zaneleyo, lonto ifike ishgenise kwenku- lu indleko apa. Incwadi ezinjalo zifike zimbini ngolwesi-Hlani lo zivela e Kra- dokwe, kufuncke sihlaile 4d. ngenewadi inye. Kute kuba bezibialwe ngokubiza- yo ngapandle sada saybula enye sixuko- lele ukunyibhatala i 4d. hanti izele kubhala okubi kunene okubalisi: ipupa lika Siba- nizashe. Enye asiyamikelanga yabuyi- selwa esifubeni sominiyo. Yonke incwadi engabekwanga stamps ngokwa- neleyo iyakwenjiwanjalo.

\*\*\* Nango umkondo mabandlandini amnyama! Uti umhlojo wetu u Mr. Falati ebhale ese Sidutyini:— “\* Zihlobo ngenapo apa kungamanxinya kupela, kuba Itsitsa, ne Tina no Tsolokazi ubizo- la kuye, nomxelo womntu wonke ucama- nga ngalemilambo miri nosuku lwayo. Sesuka apa no Mr. Nadikana Fambe sabekisa e Lanti, kuirzi ka Mr. John Cele, isibonda sakona. Esati ekungene- ni ko Mtyati pesheya kwe Ndwe, sabona umjelo opuma etafeni, yangvyipaife^A^too lowo kuti. Sayakugile^ka ng^o. o^clock wasebusuku. Kan (fike e^J^W- ngeni ekay’ apa. NgunziX^,acragalawa- matye oluzi yads 344 ubude; umjelo yi i fifth mile ubude; imingculaba ekuwo li I16; esedamini nga 22; imihlayufwa nga 30; isitiya sibiyevbe ngamaKwane ne kwepile; ngapakati kwaso 12 fig trees; 50 peach trees : 3 vines. Indii iyeyezite- na namatye iyi 43 feet ubude ne 9 ububa- banzi. Akalimile ke lomfo inggolowa ihabile neraSi, uwonile umhlaba. Namhlanje fanukuba iyasikwa ihabile, kuba finanzi maninzi, ektulalelwe kanye ngulomfo. Ndikubonile oku. ndigqibe kwelokuba umntu ufuduka kunye no- buvula bake nalapo aya kona, buyaku- mkulela bubuye bumfuduse nakona. Si- ntemba ihabile neraSi, ukubona u Rulu- mente xa sukuba kubonakala kulungile kuye ukusasa abanjalo, uyakubakutazela pambili ngokubabuyise a imigudu yabo, njengokuba esenjenjalo selenjenjalo kakade.—Zitishala zika Captain Veldtman Bikitsha, namhlanjeke lingiselelelwe kanye yinkosi yenu, nize nenze umszilo esefeni lemnyaka yobudala bololusapo. Pambili lusapo lwase Mbo, nati side sini- landele. Ndingu N. FALATI.

\*\*\*

U Mr. Isaac A. Motaung wase Skapu ngomnye wamagosa *Ewo* amatatu na- mane abonisa ngezenzo ukuba anga lo- mliilo sizama ukwupembela wonke umzi ontsundu ungceime. Lomagosa asinantloni ukuwaneka pambi komzi ngumhlobo wetu omkulu u Mr. Daniel Dwanya, e St. Mark’s, ngusibala wase ose Bayi u Mr. Paul Xiniwe, no Mr. J. G. Kosani ose Beaconsfield kwele Dayimani. Ukuba abo banga lamalinga oku- zela umzi angapumlela bebengasebe- nza njengalamanene, maninzi amabakala engaba siwatbatile mayelana nokwenza nkulu iinvaba yomzi.

Into ebanga ukuba senjenje ukuteta yile leta ka Mr. Motaung siyiblomelayo: —NKOSI YAM, Mhleli we *Mvo*.—ndifakele lamazwana ambalwa: Pambili nto ka Moletsane, akwaba bonke abamnkele be *Mvo* abakaleleyo mpela bangaba nawo lomoya uku Mr. Moletsane, nabo babu- yele endaweni zabo ngenliziyo eshushu, bangamcni mpela. Buyanike nam; yivani omnye wenu ukubuya kwake, wenjenje, umfo ka Moletsane: —Kuwe Mr. I. Motaung, nditi yaimnkela incwadi yam siyokoleyo, nditi kwe: Oh ! mhlobo wehlewitshana elindim, ndicela *Imvo Zabantsundu*, nditi ndiboleke ukuba unokundiboleka lokoranti. Hai, nam yakupela lenyanga ndiyakukumika imali isheleni ezintatu zitumetele uMr. J. Tengo- Jabavu e King William’s Town. Inene mhlobo ndiyafa zi *Mvo Zabantsundu*, andinxolanga njengokuba ndingasazifu- maninje; ndizitanda kanye, andizitandi kancinane, kodwa kakulu. Hayi mhlobo ndingavuya ndakuzifumana ndiyaku- kunika imali oyakutumela *Imvo* ezayo. Ndoyika nokuti kwe, nditumele *Imvo* ozo, zize kuba akusandtembi, kuba nda- ka ndalibala ukukuhlutla emalini yo- nqala, ingasikukuba andilitandi elopepa le *Mvo*, kungako okoke sendisoyika uti nditumele ngeyako njengomhla wokuqala. Ngako oko nam ndoyika ukukungenisa ematyaleni intaka Motaung. Hai ndiyabulisa kuwe.” Owako futi ANDRIES MOLETSANE. Lieuw Port Station, Winterberg.

Nantsi impendulo :—Ndikutazwe kunene ngamazwi ako mhlobo warn. Ndi- kumela ngesheleni zontandatate. Ma- kubenjakole nakuni nina nakalalayo, buyani ndimihindele. Ndim ISAAC M. A. MOTAUNG. Tarkastad 22, 8. 1885.

I \*\*\*

Yo ! Mashologu akowetu, kwala ntoni- na ukuba bangabi baninzi o Moletsane!

V Wenjenje ukubekisa kudodana oluke lwasezidlweni u Mr. Marelal.— MNUMZETU,— Yita kulombava yama- nene olubisi, noko luluncinane kangaka, lungenangwebu, lunezibanabana, lunge- nancasa, lungayikuwatsala amanecawawa- selayo amasi ayo lemvaba: Iwaje luse- ngwe ngu fikizolo kwingxoxo ezinjenge- zi zivakaliswaemapepeni. Yimina? lento imvaba zingagqabukuyo ngamasi avela naguquke ebelubisi dlusengwe lwatiwa likaba namadoda afundileyo abhalaWhde it i Editor ye *Mvo*— ndikohlwe nalixesha lokuhamba kuba umsebenzi mminzi incwadi ezinezimvo zamawetu zifumbile. Ndhilaba umkosi xa nditshoyo kuyo yonke into efundileyo engumfana nese- yingamadoda aqinileyo, kuba kaloku. Maxosa yakameleni into engemfundo. Kuko (1) imfundo, (2) nobulumnko, nenyanyiso enkulu nokanyo emapepeni endaba pakati Aohlanga. Ndisatshonela. DANIEL MARELA. Edebe, Sept. 12, 1885.

V Yiyo le impendulo kwisaziso sika Mr. Thomas Zwedala wase Macubeni:— NKOSI YAM, Mhleli we *Mvo Zabantsundu*.— Ndincede undifakele lemjeka kwe- lopepa lamanene akowetu, ndifunaukwa- zisa ngo Mr. James Mngqibisa. U James Mngqibisa ndake ndambona apa enomta- kwabo babeze kubona u Rev. R. Hayes ngo April 1885, babuya bemnika baya e Kimberley; kuteke emva koko kwa- fika u James Mngqibisa, eyedwa wati kum uza kucela iyeza ku Mr. Hayes lesisu walipwa ke iyeza ngo J une 1885; ndabu- za apo ahilala kona, wati e Kimberley kwinto zika Malotana, ndati kuye mace amane esiza ukuze ndimazi xa apiliweyo naxa afayo ; kwaba kuyapela solokwalo- mini andizange ndibuye ndimbone anda-

zi ukuba kutenina. Nam ndisafuna andi-kevantongaye ukutatela ku July kude kube ngu September lo nje. M. C. MA- FENE. Beaconsfield, 14 Sept. 1885.

REV. R. LAMPLOUGH.

Singa kungaziwa nguwo wonke umzi wakowetu ngalo mongameli (Rev. R. Lamplough) wongamele esisqingata sase Qonce nesase Komani we Wesile. Nguye owabonisa imifanelo yokuba abantsundu mabenziwe abafundi, nguye owavuse- lela umsebenzi wemfundo Enxukwebe sewufefe emveni kokuba wawuqalwe ngu bawo wetu u Elefu ekukuwo lomzi kufu- ndiswe lamadoda angabafundi nalama- dodana ngoku tishala. Singenantonje yoku- mnikha ibe yimbulole yomsebenzi omkulu esinawo tina nabantwana betu singa kungaziwa ngomdala nomtsfita ukuba inene elo siteta - galo malibizwe ngeli f330&S-figuwo wonke ontsundu—Vulindle- i. Asidele msebeazi mhle owenziwe igawo onke amanene asenzele ukulunga, asasenzelayo nanamhla.

Lesseyton.

September 14, 1885.

Ngomhla we 4 Sept. 1885 sasinentlanga- niso apa e Lesseyton, yokwahlukana kwe- tu no Mr. J. Z. Tantsi, i Secretary ingu W. F. Sondlo. Inteto eyenziwangumhlo- bo wetu u Mr. J. Z. Tantsi kwintlanga- niso leyo eyayiko, elungiselela ngengo- mso ukuwushiya umsebenzi, yiyo le:— Makowetu ndiyanihiya ngetuba loku- ba Umminto zonke ukuma kwabantu ekucitaca njengoko kulungileyo eme- hlweni ace. Iminyaka yam ilishumi elinesihlanu nditeni neto zalomzi wete esenoti ekubeni benditate isiqendu esi- pambili indawo ezinxamnye nindixolele ngazo. Kuqala manditi amadoda ama- dala apemelwe ngamandla ekunbeni imisebenzi kuba sekukwakwalapa ukuba anduluke. Umzike usandleni senu, nikubonile ukhulangulwa kwawo ezandleni zabelungu, xa bebendawo aba- zipangayo, ukupangwa nokugcineka kwa- wo kwayame kuni. Umntu ontsundu niyabomwa uya cekiseka komhlope ngokukodwa kwi Bulu, anditsho ukuti kuyee wonke umlungu, bako ababatanda- yo abanjengo Mr. Garcia nabanyu. U Mr. E. Garcia yindoda eniyaziyo, nemi- yibonileyo, ukuba umxelo wayo ngo- ntsundu awunakuxelwa ngamazwi. Niyawazi namazwi axelwa sisimilo sayo ngontsundu, ati ontsundu umelwe yi- mbeko mayinikwe nangabamhlope, ose- sfimnyami makazanywe ukuba aku- tihwe kubo, unetemba, elindle, engazi nento engatintelayo ukuba ontsundu akululwe ebudengeni, ukuwutanda kwa ke umzi lo akwenzekeluleyo; ngokoke ze ninxweme kwizinto ezakumtisa amandla ekunimeleni nezakumenza isivivi kurna- wabo, lomzi ungunlungu mkulu ulu- mnikle aningewutini ngapandle komce- bisi ongunlungu, ngokoke nizamcateli- se naye. Nanko u Rev. Geo. Chapman indoda endingenantlani ngayo ukuti ukuba nimxasile namhlonela nakumfumana, eyindoda efuneka injalo pakati kotsu- ndu; mandigibe ngeliti hlalani kakuhle nihlale ngobulumko pakati kwamagwa- ngqa, azama ukupakamisa izandla zoku- wa kwalomzi niyabubona ubuhle bawo. Yiparadesana unamalungelo amaninzi ukulahlekana wokujengokuzinqumla umqala; nigcine kunene ititshala nizame ukuba isikula semini sime; indlu yetya- like ingabi yinkedama, nitumelele aba- ntwana esikuleni. Ndiyabubulela bonke ubenele emindenzele bona lonke elixesha kwanamatuba onke eniwabonakalisileyo kum ubuhlobo obungahlqi bubonakali- swa. Amazwi enziwa zezinye ezihlobo zetu ezinjengo Chas. Jubeju no M. Matsolo, W. Sondlo S. Malotana, W. Mene. Waqukumbela umgcini shilalo ngati:— Inteto yam endiyakuyenza ayinamandla isweliswa amandla kakulu kukwahlukana na nelungu ebesiwugcine umsebenzi sonke. Ukuti kwalo nango umzi litsho ndisesitlweni lisuke lindenze ndiwi- bone uwile. Ukuswela kwam amandla ngezolwzi kunjengokungati ndiyaqala ukungena kulomsebenzi wokugcina umzi (kuminyaka ndukuwo. Ndiyawabulela lamazwi ati kwintlanganisyo yakowabo ngokumka kwake, ze nigcine umzi pakati kwamagwangqa, ate ngokupaAanyu- swa Aomzi ngu Mr. E. Garcia avule izandla zokuwunqakula, e&uweni kwawo xa site sawuyeAelela wawa. Andivuyi- swaiuumnh Awalendoda, andivuyiswa AukuwuniAela umzi ezandleni zetu kuba ngati Aanti ukumkna oku kwayo, kuku- wa foomzi wetu ezandleni ebeziwa&amele iodwa koko andina&unceda Auba iyintla- lo yelilizwe uAwahluaAahluaAana, esendi- temba uZuba umhlobo wetu u Mr. E. Garcia wobuye asixaxe njengoituba ebe- sixasile Awixesha elingapambili fowau- nye nomxasi wetu &de u Rev. Geo. Chapman. Ndiqumambela ngeliti yintla- nganiso eyabamandi, yalusizi Awahlua. Abamandi amazwi o'umseleleza, Awaba lusizi uAubulisana Awetu ngoAushiyana.

Ezababaleli.

AMAPOLISA ANTSUNDU.

